IMVO ZABANTSUNDU
(NATIVE OPINION).

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.] [LIHLAULELWA 3s NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, DECEMBER 16,1885. [No. 59.

AMALAHLE ASE NDWE.

ABANINI balamahle bagqibe nabapati bololiwe ukuba bamane ukulayishela
kwa Komani (Queenstown),

300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80.

Abafuna ifulara abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown.
Akusakubako kubambezeleka ekulayisheni amalahle nasekuwatuleni e Komani.
Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.
Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

E. J. BOXALL,

Umsiki wentlobo zonke ezifunwayo zengubo,
No. 22, SMITH STREET,

Uhlala enento eninzi yezitofu ezifanelekileyo neziluhlaza apa bo.
Ingubo zomtshato zenziwa ngokokufuna komntu kwisituba se yure ezilishumi,
Uhlobo ezenziwa ngalo nokufaneleka kwazo akunakugxekwa bani.

Paula—Intsebenzo yonke iqutywa ndlwini 'nye.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko
BQURKE NO MARSH,
e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

C. MUSGROVE,

OTENGISA IMPAHLA ETSHIPU YENDLU,
Kwindlu Ekangelene no W. 0. CARTER & CO.,
E QONCE.

Onoxesha bempahla yendlu batengiswa nguye ngemali encinane.
Unokubatengela abantu abakude impahla abayifunayo kwimisito eti ibeko e Qonce xa bete banqopisana naye.

AMAZIMBA

NE

MBEWU YOMBONA OBOMVU,

INTLOBO EZILUNGE KANYE.

KANJALO

IIMBONA OXABISO LILULA WOKU DLIWA

JOHN J. IRVINE & CO

Ololiwe bakwa Rulumeni—Isebe lase Maxhoseni.

Iholide ze Krismasi ne Nyibidala 1885-6.

TTIKITI ezibuyelelayo, ezixabiso lingagqitileyo kwibambo enye yokusinga pambili, ziya-

I kuqala ukunikwa kuzo zonke Izitishi ngolwesi Bini 15 December 1885. Unokubuya ndapumla
ngayo umntu nangayipina imini ngapambi ko 30 January 1886.
Ukwenzela abahambi ngelixesha le Holide Itreni ziyakubamba futi ngapezu kokuba zibe
zisenjenjalo. Uhlobo eziyakubamba ngalo lofunyanwa kwisaziso ezofunyanwa ezi Tishini
Wenjenje wumbi eliyeza lindipilise ngokungumangaliso. Bendibulawa sisinqe
kangangokuba boku

T.R. PRICE Umpatiswa.

Kwi Ofisi Ezinkulu,
E Monti. December.

IZISULU! IZISULU!

J. no C. HEDDING,

KWIVENKILE YAKWA NGQIKA

E-QONCE

Bayayitengisa iyonke impahla yabo yama Xosa bafuna; ukuba itshayeleke tu kwakamsinyane.
Intengiso iqala ngo Mvulo lo wanamhla.
Qondisisa kakuhle apo bakona ikwivenkile yakwa Ngqika e-Qonce.

Inyanga ezintandatu

suka kube yinqaba nkuma ukuba ndike ndahlala. Bendingasena kutoba kuba bendingeze ndibuye ndipakane. Ibotile enye indipilise kanye."

Omnye uti: — "Benditwele ubuhlungu obukulu ngcnxa yokuqaqanjelwa yintloko leminyaka mibini ndada ndalinga i Rheumaticuro, ndivuyiswa kuba ibotile ezine zindincede kanye."

"Ndingarola," utsho omnye, "iponti ezintanu ngebotile. Ngolwesi.Tatu nga.

Ukuyakelisi imvo zabantu

zalisa lonke ipepa.

EUyeza linoku yokuzwa

izindlu zamayeza,
angalifumana kumninilo ngokutumela,
3s. *6d. ngebotile, ongu*

_____*kuzo zonke*
ihlelenkile, otandayo

JAMES JONES.

I BRANDI

Elungileyo ongapitikezwe nanto zinjenga. manzi nezinya ezibululayo, itengwa ko

C. J. DOWELL & CO.,
W. F. S. BOOTY.'

Umteteleli kwi Nkundla yamatyala e. Komani. Umlungisi wemicimbi nayipina esingisele ematyaleni nakuyipina inkundla apa kulo mandla. Ungumkuseli kwabana- matyala, waye kananjalo ebiza

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo
noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa,
e-Town Hall, Kwisitora esinga pantsi ese-

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Ma- aimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika

Impahla zamkelwa nguye azitumele kuma- calana onke e-Koloni.
Unombona omhle kunene ovela

Kaulese Imvo Zabantu ngabantu nge

Rheumaticuro

Elona Yeza Likulu leli lizwe lengqaqambo zamatanibo nento ezinjalo.

Alikazanga lingancedi.

Lilcwaluncedo olukulu Kukutyatyamba Komzimba licisine, Nakwentloko, Nakwezinye.

B

enjenje nknlincoma nbake balilinga: —
"Uti omnye zipele ingqaqambo (ekubeni besendinenyanga ndiqaqanjelwa) emva kweyure ezine ndiqalile ukulisela, kamnandi ebusuku into ebendineveki ndingasayazi, ngoku ndipilile.

Iveki

MR WILLIAM HAY ufike e Qonce ngolwesi. Ne olugqitileyo.

NGEZI zipitipiti beziko e Rode e Mamponduweni, kugqojozwe kwapungwa indlu ka nkosi u Josiah Jenkins. Kutiwa Amabhaca umke nempahla ekuxabiso le £300, nemali yi £50. U Josiah ubengeko ekaya ukuhla koku.

EMVA kwenyanga ezimbini uyakudliwa umbona kwa Zulu.

IXHOBA alifumene kumzi ka Massowu mabhuln liku 1,400 inkomo, 1,400 igusha, ibokwe.

U MR. DE WET usalile isicelo somzi wase [once uknba abuye ngapa xa avela Emampondweni. Uti indlela yake ayiko ngapa.

U DR. DALE wazisa ukuba ngonyaka oza-,'o ziyakuvalwa zivulwe ngalemihla izikolo : —11 January, 1886, ziyakuvulwa; 26 March, 1885, ziyakuvalwa; 5 April, 1886, ziyavulwa; 25 June, 1886, ziyavalwa; 19 July, 1886, ciyavulwa; 24 September, 1886, ziyavalwa; 1. October, 1886, ziyavulwa; 17 December, 1886, ziyavalwa.

UMZI maungakudekiseli ukutumela imali *Mvo* kwangayo lenyanga.

SIQONDA ukuba u Rev. William Philip wawe Guba ufudukela e Gwaba, ngase Monti. Guba licitwe ngu Folosi—ngoluvundu- lundu lwase Batenjini.

NGO 7 December ngokuhlwa i ofisi zako. nkulu zase Vryburg zagqojozwa kwebiwa imali, netyeya yayo, nezitamp. Libanjiwe sela kwanobubhuru bufunyenwe.

KEKWATIWA impi ya Mampondo iku 300 tauke komkulu ngaleveki igqitileyo isinga Rode nkuya kuncinita u William Nota, iyiyaleze bukali u nkosi u Mqikela ukuba ize ngake ilinge iwugqite umda wa Mabhaca.

EZALOWA umhlaba wa Mabhulu ukwa Zulu zezokuba Amabhulu ase Vryheid apange eitora sa Mangesi ase Natal, nokuba lite i Bhulu linxilile ladubula umntu omnyama.

ABAFUNA *Imvo* mabalungiselele imali zabo nkuze babe nokungena ekuqaleni konya- ka. Kufuneka iqela elikulu.

I NGOLWESI-BINI Iweveki egqitileyo kufu. lyenwe umfo ontsundu onengqakaqa kufupi nomzi wase Skapu. Ukweleliswe kwaka. msinyane.

UMXHOSA ekwakusitiwa utshone nomkombe oyi *Welcombe* mayelana necweba le Nxuba, ubonwe selese Monti. Ube yure mbini emanzini pambi kokuba aye kuti citi emhlabeni.

E BARKLY EAST kekwako ulure lokuba iqe- la la Besutu lifike kwizipaluka ezitile zeso sitili latimba inkomo.

ISIKOLO sase Ncemera sibe nentlanganiso ngolwesi-Bini lweveki egqitileyo, ukuxoxa ngotywala obupalazwe e Transkei. Kutunyelwe isicelo ku Mhlekazi.

EZOKUGQIBELA ezivela kwela Barolong baka Massowu, ziti Amabhulu asese Mamusa esabelana ngamaxhoba. Abafazi batiwe sa kulo lonke elo liyi Transvaal ukuba baqeshwe ngabatandayo. Izindlu zonke zitshisiwe. Injengele za Mabhulu zise ku Mamusa, kuko ulure lokuba zigxeleshe enye inkosana yo Mrolong engu Moshette.

UNYULO e England lupelele ekubeni impi ka Mr. Gladstone (Liberals) ibe 333, eka Lord Salisbury (Tories) 251, eka Mr. Parnell (ama Ayilishij 86.

LAMAFAMA atenga umhlaba wa Mangqika alila ngokupakama kwe "rent," ngoku abba- lela ku Rulumeni ukuba ayitobe. Intlanganiso yoko ibiko ngo 1 December.

EMVA kwentlanganiso ya Mangesi ecasayo, kubeko e Dodoloro eya Mabhulu intlanganiso ebulela isenzo sika Rulumeni eokufudusa Abatembu.

NGOMHLA wokuqala wokuvulwa Komboniso omkulu wamazantsi e Afrika, ovulwe e Bayi ngu Mblekazi i Ruluneli, babe kumawaka amatatu anamakulu amahlanu abantu abangene endlwini. Abahambi basaya befika.

NGE Cawa edluleyo u Rev. B. Mama wase Rura, ushumayele kwityalike yase Wesile yalapa e Qonce. Ukalaze ingqoboko yamakolwa ezimini, ate akuyitelekisa neyamakoIwa emini ezingapambili wayeya kanye eyanamhla. Intshumayelo ibisekwe pezu kobu- lungisa bnka Ifrayem obabulikamte njenge tifu lomso.

MAYINGENE kaloku imali ye Mvo mabandla akowetu.

I PALAMENTE yase England iya kudibana ,ngo 12 January 1886.

IKUPA alisbiye ngasemva umfi u Bishop Fraser wase Manchester liku £85,000.

U HON. H. W. PEARSON, M.L.A., ubuye wanyulelwa ekubeni yinkulu (Mayor) yomzi wase Bayi ngalonyaka. Lo ngunyaka wesi- hlanu ebayi Mayor yalowomzi.

NGENIE imini kwafa e Dayimani abantu abamnyama abatatu ngokusuka batshone kumlanjana oyi Riverton behlamba.

ILUNGU elimele i Carlifonia kwi Palamente yase United States, e Atnerika, lisand' ukubeka bucala i akile ezi 83,000 ukuba kwakiwe inkundla yemfundo (University) ibe sikumbuzo sonyana walo obhubhileyo. Laleke ngokurola £3,000,000. Isikolo eso siyakuba se Carlifonia.

I BURMESE zoyisiwe, ikumnkani yazo u Theebaw uugumbanjwa e Pangoon. Ulaulo welozwe lake lolwa Mangesi ngoku.

I BISHOP yase Durham eNgilane isand'ukuhambela e Norway. Iti ibone wamnye umntu enxilile kwelozwe, naye ingumhambi osuka kwase Nglane.

U MR. DE WET usuke ngo Mgqibela e Kokstad wasinga e Natal. Akadibananga na Mampondo, kutiwa wanele ukutumela incwadi ku Mqikela yokuba babonane kumhlaba ka Rulumeni, kodwa inkosi leyo ayivumanga. Ubelindelwe kodwa komkulu kwa Mqikela zinkosi no Mr. Donald Strachan eko.

IPEPA alinakuqutywa ingeko imali. Tumelani imirumo yenu NONKE mzi ukuze umsebenzi uhambe.

INGQAKAQA izibonakalise kumzi ka Lepoko e Lusutu.

ETA e Natal nje u Mr. De Wet uyokutabata indlela yokusinga e Kapa ngolwandle.

SICELA amehlo abalesi betu belipeaulu ukuba ake abhekiswe kumhlati wezaziso apo bauaenywa ngo Messrs. H. S. Waugh & Co. Ivenkile yalamanene yeyona inkulu e Romani. Abafuna betengelwe kakuhle kanye mabaxele ukuba bahlatyelwe umkosi yi *Mvo,* okanye baye nayo, boka bafumane amacam. Huku ke mabandla ka Nonesi!

NGOLWESI-TATU, DEC. 16,1885.

IZIBONDA.

UMFO ka SIGENU ute, akuti u Mr. DE WET izibonda ebeke zakutshwa ziyakubuya zimiselwe, ewe, Abatembu boka bayicinge into leyo. Waleke wati, enyanisile," izibonda "fudula zimiswa ngobugcisa bazo ekuxoxeni, namhla ke kutiwa mazingayi ezintlanganisweni ezixoxayo kuba zizicaka zika Rulumeni. Yinto entsha le, eyakutandana nokuba icingwe. Ukuba hleliwenje kunjalo ububonda mabulahlwe." Udume wonke umzi wati mabulahlwe. Nati siyaduma. Ngawo la aka Mr. DE WET amazwi acaza umsebenzi wesibonda: "Mayelana nezo bezikutshiwe, mandinityele mhlope ukuba izibonda ezifumana imali yakwa Rulumeni aziteni nokuba ziye ezintlanganisweni. Umntu onikwe umsebenzi ngu Rulumeni efumana imali ka Rulumeni makenze umsebenzi ka Rulumeni angayi ezintlanganisweni ezicase oko agqibe kuko u Rulumeni. Nasipina isicaka sika Rulumeni esinqwenela ukupendula ezintlanganisweni masiqale ngokuzikulula emsebenzini ka Rulumeni."

Emasiti enye inkosi entsundu ikutshwe (ngabula Mr. DE WET) ngayo lento ngu Mpatiswa. Asilipikisi elinene kuncazo yalo yento ekulindelwe isicaka sika Rulumeni sizifezile, kodwa singa singalata into ekade siyalata ngenxa engapambili nento esiti makabe u Mr. DE WET akayazi, ukuba izibonda azizanga zabalwa njengezicaka zika Rulumeni oko lati elilizwe lapatwa nga Mangesi Izibonda ibisakuba ngamadoda anezitunzi kwimizi yawo, ebesakunyulwa kuyo ngobuciko bawo ukuba abe ngumlomo womzi mhla kutetwa into. Ngoko ke sivumelana kanye no Mr. SIGENU kwinteto yake sisiti bade batyapa Abatembu ukuti lemfundiso intsha angumpostile wayo u Mr. DE WET bayakuke bayicedulule. Mayicedululwe ngumzi wonke nongenguwo owase Batenjini, yaziwe imvo yontsundu. Ngokwenjenje lomfo wase Mabhu-Iwini uwufaka ifadukwe emlonyeni umzi ontsundu. Uyifaka emlonyeni wamadoda obeke intonga kuwo umzi ukuba ebe ngawo apendulayo mhla kungqele, mhla umzi uvuzisa impumlo. Into efunwa ngu Mr. DE WET kukuba izibonda ziprofete into ezibusi namhla kurara, zingaze zixelwe izinto ezililisayo. Ngendlelana emfutshane akavumeli ukuba abantu bazivakalise iziroro zabo, mabasuke bavutelwe pakati njengevatala. Into enjalo embusweni ayidli ngakuvelisa kulunga. Into ebanga ukuba enjenje lomnumzana kukuba esiti "Nina bantsundu anikangeni ekukanyeni kangangokuba nibe nentlanganiso zenu ningancediswangahamhlope. .... Eziti ke intlanganiso zenu kufuneke zinomantyi pakati." Makube le kuti ukucebisa amawetu ukuba azeye imantyi, kodwa ngabona bangezizona izicaka zika Rulumeni omantyi njengezibonda lento kutiwa bona mababeko ezintlanganisweni? Nangapandle koko nokuba u Mr. DE WET akazi, tina siyazi, ukuba omantyi aba abamfaninye. Bako omantyi abalungileyo bako omantyi abakoblakeleyo. Bangazonakalisela ngokwabo abantsundu ngokuti umcimbi wabo bawaneke kwimantyi engenaluvelano nabo. Zimbalwa imantyi ezilungileyo ekwa zini kwetu bantsundu. Imantye ezi azingabo o TSHEMESE (Mr. W. B. CHALMERS), GASHIYA (Mr. E. GARCIA), O NATINGELI (Mr. NIGHTINGALE), o BLAYI (CAPT. BLYTH), o MEJA (MAJOR ELLIOTT) zonke. Okanye nokuba imantyi zonke zibe zifana nezi sizikankanyileyo, ngezimini azisenamandla imantyi, zingaba bhali nje kodwa abamana ukuhambisa incwadi pakati kweli ne Kapa ; azisenawo amandla okugqiba into zona Kupela into eseyisenziwa zizo kukuhambisa imiyolelo, maxa wambi imiyolelo yobudenge, yetshawe elise Kapa elipatiswe imicimbi yabantsundu, kanti limbi alinalwazi ngalomicimbi lugqitileyo kolokuba lusazi ngemicimbi yabantu abahlala kula nkwenkwezi ingu Nocelizapolo. Ngezo zizatu ke sisati u Mr. DE WET uyaposisa ukuyivala imilomo yamadoda. Inkolo yokuba ontsundu ungumntwana nenye into eninzi yolohlobo besiba tina ipelile kuzezimininje; kodwa noko u Mr. DE WET makabe wafunda e Cacadu ukuba asibantwana, mhla bam'finga ngenteto wada wasabela ekutini amadoda abekeke njengaye angamaxoki, nenye inteto epantsi enjalo. Siyatemba Amangesi elilizwe akasakugalela kwelokuba abantu mabasikwe imilomo njengokuba efuna uMr. DE WET.

Amanqaku

KWIHAMBO yake akubonakali ukuba u Mr. De Wet ukolisa mntu ontsundu. Ngo 21 November waye nentlanganiso nempi yase Gqili engumxube wa Mamfengu na Besutu. Umzi wenze isicelo sokuba ungaxinezelwa ngendawo yerafu yezindlu nonyaka kuba wonakalelwe kakade, idimandi seziwugxadisila umzi okohlwe nokutengisa ngempahla kuba ingangenisi luto. Kucelwe ngabantu uncedo kulendlala ikoyo, akuko nto ancede ngayo Umpatiswa Micimbi Yabantsundu, usuke wati ngebebulela ku Rulumeni kuba ebavumela ukuba bahlale kulomihlaba bakuyo eyeyake. Efikile e Lady Frere uwushiye ziqumbile intliziyo za Batembu, ibe kwayilonto e Cala. Uhlobo ateta ngalo nabantsundu lumalata ukuba akayifanele lendawo amiselwe kuyo.

_____

KUMZI omhlope iya ipela ngokupela inkolo apa yokuba umntu ontsundu yimfene njekodwa ekungalindelwe nto kuyo. Iya iqondakala into yokuba into efunekayo kukuba bahlanjululwe ukuze babenokuba luncedo ngendlela zonke. Uke wenjenje u Mr. Merriman wase Kapa ebhalela ku Bishop Jones: "Akuko mntu unentloko ehluzekileyo onokuti umsebenzi wabafundisi awubancedanga luto abantu abantsundu. Ubafake umo- ya wokufuna into ezigqitiseleyo, nomoya wenkutalo, kuba abantu masingabagwebi ngokubona impinzana ezingazinikeleyo kakulu enkutalweni, nasekubeni engatanga mhlaimbi ontsundu waselesiba ngu mpostile u Paulisi epelele. Imfundiso yobu krestu iwuncedile umzi ontsundu."

SIVUYA no Mr. Harry M. F. Mtombeni kuba ede wafumana ituba lokuwuzalisa umnqweno wake wokuba ngumteteleli ematyaleni. Uvunyelwe ukuteta Empofu; simnqwenelela ukunga angapumelela. U Mr. Mtobeni leliya nene lintsundu ekwaka kwako ingxolo enkulu ngokunga ngeniswa kwalo kwelituba ngenyanga ezigqitileyo. Umcimbi wake ubesewusatyelwa nangabahlobo betu abamhlope base Ngilane sibona ngepepa lebandla labakusela abamnyama ekutiwa yi *Aborigines Friend.* Oku kuvulelwa kwake akubangwe yimigudu yalomadoda noko.

EBHALELA kwelinye lamapepa ase Komani u Mr. William Roger ifama elibalulekileyo leso sitili lenjenje ukwalata usizi oiuya kulandela ukuvulelwa kotywala pesheya kwe Nciba: — "Ingaba amafama ayakutula zole tu na xa ilizwe esifumana kulo abantu bokusisebenzela libujiswa ngotywala. Lento iteta ingcitakalo yamafama. Andivumi mna ukukolwa ukuba angaba ahambisa lonto. ukuba olulaulo lo Upington no Sprigg luyavunyelwa ukuba luyihambise lento, yintonina eyakuhla? Eli liyakuba lilizwe losizi, lobudlwengu nokupalala kwegazi; izizwe zabantsundu ziyakuba zizizwe zamanxila; izidalwa ezintloko zigexayo ziyakuqalekisa umntu omhlope ngokusuka azingenisele ilishwa elinje; ziyakugqiba kwelokuba mazizipindezelele: akuko nto kuyakutiwa inqabile ebantwini nasempahleni. Kuyakwanda izigebenga ezindleleni, amafama ayakupangwa. Lilo eli ilifana emasilishiyele abantwana betu. Anditembi njalo, ndisabatembile abantu belilizwe ukuba basaya kuyilwa lento."

U MR. J. G. HELLIER ute xa ateta e Dodoloro kwintlanganiso yokukalima ufuduso lwa Batembu: — "Olufuduso alunto intsha, lulikonco kumxokelelwano omde apa wempato yabantsundu eyaqala kwiminyaka engapambili ngu Sprigg. Pambi kokuba lempato iqale besihambisa kakuhle nabantu abantsundu, sitengisa sitengiselana into eninzi yempahla. Ngoku oko kudlule. Ikomani aliseyiyo into ebelifudula liyiyo ngenxa yokupela kweso simo sangapambili, kumana ukufudufuduswa abantsundu bada balahlekana nento eninzi yempahla yabo. Lityebile nje i Qonce lityebe ngenxa yabantu aba-

mnyama abapesheya kwe Nciba. Abantsundu bayidayimani kuti, bayalima bayatengisa, bayatenga. Sizibulele ngokwetu ngokuti sipitizelise abantsundu."

SIYAVUYA ukuva ukuba amawetu ase Cradock agqibe kwelokuba atumele isicelo e Palamente ngenxa yobutywala bupesheya kwe Nciba. Sivuya kunene ukubona ukuba umzi awuyiyekelele lento. Sibona ngemihlali ukuba namanene apakame njengo Mr. Merriman ayayibona ingcitakalo eyakubangwa yilento yenziweyo namhla. Ebhalela u Bishop Jones wase Kapa, uti u Hon. J. X. Merriman: —Ndinga intlanganiso yokunceda ukuhanjiswa kwelizwi ingalivakalisa ilizwi layo lokucasa ukungeniswa kotywala pesheya kwe Nciba. Elibakala kungatiwa, ngamazwi embongi yakowetu, "yingcitakalo ebomvu nokwapulwa kwemiteto." Kuyindawo yake wonke ukucasa into eyenziwe usaziwa umteto wokuba utywala bungate- ngiswa kwabantsundu ukuba kunokuncedwa. Akucacile ukuba siyakuti ngokungenisa utywala simcite ontsundu kodwa ukungeniswa kontsundu kulenkohlakalo kuteta usizi nenkatazo ixesha elide kunene, nendleko enkulu. Ndiyekela wena nkosi yam ukuba esisenzo usicase ngemihlaba epakamileyo, mna ndalate epantsi."

U RULUMENI akasiniki ndlebe isikalo sdmzi mayelana nomcimbi wotywala. Into eyenziwayo abantu banyatelwa ngenyawo. Mpendulo itunyelwe ngu Mr. Sprigg kubafundisi base Rini, ifana nempendulo elaka elonene layitumela kubanyuli balo abamhlope base Monti ngomcimbi wela Barolong, mhla lati tulani anazinto nina; ndim onokwazi. Wenjenjalo no Mr. De Wet kwimpi yase Komani emhlope mayelana ne Glen Grey. Apo sixakwa kona tina kusekubeni abayixeli eyonanto bati iyinyaniso. Azi wocanabeka kude kube ninina umzi kokukudelwa ngabo ubapakamisileyo?

ISIDLO ebesenzelwe i Ruluneli e Bayi ekuvulweni komboniso omkulu sibe sesibukekayo kunene, zonke izikulu ze Koloni zibe ziko. Kuzo singabalula u Sir Hercules Robinson, omnye we Ruluneli ezikumbulelekileyo ze Nkosazana ngezimini, u General Torrens, umpatiswa wemikosi ye Nkosazana kweli lizwe, u Admiral Hunt-Grubbe,umpatiswa zinqanawa zemfazwe, u Mr. Upington inkulu yolaulo no Mr. Fuller, M.L.A., okwavinkulu kwicala lika Sir T. Scanlen e Palamente. Inteto ye Ruluneli ibaluleke ngobuciko nokufaneleka kwanjengokuba zidla ngokuba njalo inteto zika Sir H. Robinson. Ubalule izizatu zokuba engabanga nako ukulishiya i Kapa walata into ezintle eziyakulandela umboniso lowo.

KULANDELE ke u Mr. Upington nantetwana yake ekapukapu, ate kuyo ukuxubahala komzi ontsundu akunjengokuba kuxelwa, ningazidubi ngoko nikuya emapepeni endaba, itshilo into ka Upington. Into eniyiva emapepeni ibhalwa ngabantu abanga bangonakalisa, aboyikisayo abangade bati bona fan'ukuba kuko ingozi okwangoku akuko ngozi yaluto. (Laduma ibandla). Akalazi ixesha abaka boil waba abantsundu njengokuba bonwabile ngoku. Ngoku amapepa endaba ungade uti fan' ukuba kuzakubako imfazwe Eakati ko Rulumeni na Mampondo, akuko nto injalo ; Unqwiliso usivulele indlela esuka e Mtata eya e Kokstad.

ABANTU bakohliwe kukuba bazakutinina ukuteta, kuti kusenzeka enye into apa babe abapete ulaulo e Kapa bexela enye into bona. Njengokuba esiti luxolo lodwa kwabantsundu ngoku sibonayo ukuba umzi udubekile, asiyiboni into eku tiwa abantu mabade benze yona ngapambi kokuba kude kuvunywe ukuba okunene abonwabile. Njengoko abonisileyo u Mr. Fuller, M.L.A., kwase Bayi apo kulenteto u Mr. Upington ungqina into yokuba yena unako ukwenza izitena ngapandle kwengca.

UMHLOBO wetu i *Cape Argus* iti: —*"Imvo Zabantsundu* zicela atnapepa ase Koloni ukuba "akusele abantsundu kulo Rulumeni usialarume." Lenteto yenoknqumbisa; xa sikumbula impato yabantsundu eyayilindelwe ku Mr. Upington angayihambisanga yena kodw' asinakutsho ukuti yefanele ukuba ibhekiswe kubo lenteto. Ewe, lamadoda apeteyo aputne kanye endleleni kulomcimbi wa Bahlambeli, kodwa impato yawo yonke epate, lele kwabantsundu asiyemcitayo omnyama, ingengakuba bangamadoda atanda ukuhamba ngemfauelo kodwa ngokuba umsila apa onga Mabhulu ozisusa impukane ngenja engulo Rulumeni, ungekati makubandezelwe ontsundu akakabandezelwa.Efunile Amabhulu seleko u Mr. Sprigg woyihambisa into enjalo eyakuyihambisa ngovuyo. Ako amadoda angawehlelo lo Sprigg angangi angabandezelwa ontsundu. Ute u Mr. De Wet akanaku- buya ngomva kulento yase Batenjini, kodwa site isininzi okwenziweyo akufanelekile ngoko makumiswe ngokunye, soka sibone okuyakuhla. Kuyaziwa ukuba u Mr. De Wet akatandani engavisisani no Mr. Sprigg, yena akafuni nokuba ngumpatiswa micimbi yabantsundu oku akakufihli kubahlobo bako. Kodwa koza kube yinkatazo yodwa kwabantsundu mhla apumeyo, kuba noko ingumfo oyimelayo into xa abonileyo ukuba ayilungila.

PEELTON.

[IVELA KUMBHALELI WETU.]

12 December, 1885.

Besinentlanganiso enkulu nelusizi kunene apa ngolwesi-Bini (8 Dec., 1885) ete zonke izinto ezitetiweyo kuyo zabonakala ukuba zipuma ebuhlungwini bompefumlo, ngenxa yokubonakala kwentlola zentshabalalo yabantsundu, kwimpunde ezingeziba ziseko zenkosi ngenxa yomteto omtsha okutshiweyo wokutengiswa kotywala pesheya kwe Nciba. Ivulwe ngu Rev. Birt lentlanganiso, utyile ubuhlungu bake ngawo lomteto ukohlakele kangaka, etyila nakanjalo uhlobo otintela ngalo Izwi lika Tixo; esiti, noko sinamatuba okumbulela u Tixo; kuba nakuba kuko abona bantu ipuma kubo imiteto nati sinalo ilungelo lokuposa izwi lokwala. Namhlanje ke nangu nmcimbi ucela amazwi etu ukuba avakale, sibonakalise ukuwucasa kwetu ngokutumela isicelo kwi Ruluneli; utsho wati kemakufundwe ngu Rev. W.Rubusana wati, ndiziva ukuba ngalomcimbi ndishushu, ke ngoko andingi ndingateta, kuba lomcimbi ukohlakele inene, ngokungapezulu uyimfazwe ezakutshabalalisa, kaniwuqonde uqala ngenkosi, into leyo ekufunwa yona nakweyezikali imfazwe Kanjalo ude usuke uze emapakatini, kubonakale ukuba kufuneka side seza ebu Lawini. Ke manditi kuni nonke bahlobo bam e Nkosini, nalo kambe elinye lamadabi Nkosi yenu, amasoldati ayo manye nini; xobani kuyo isirweqe somtandazo, kuqinisekile ukuba niya kweyisa ukuba nize njengoko ifunayo ninalo netemba lokoyisa.

celwe ukuba amadoda ake atete into ayici- ngavo. Kutete u Mr. N. Adams wati, andi. nakunceda noko ndifike abafundisi sebeyenjenie lento. Ndifuna ukuke ndibuze into ibenye, ukuba kuhle ntonina lento kubekelwa apa namhlanje ukutshatyalaliswa kwetu? Utsho wema kwelo, kwabonakala ukuba ulinde impendulo, kwada kwapendula u Mr. Rubusana wati, akuko mntu unako ukuwupendula lombuzo, abenzi balomteto base Kapa. Wati ke O! akwaba bebeko, besiyakuke sinyatelane kobhontsi namhlanje Kwateta u Mr. Tyamarha Pu wati, sakufa sifile ikwalelezolo lemipu; kanti imipu yona yayisebenza emzimbeni wodwa, kona kule into ilutshaba nolwemipefumlo. wasuka u Mr. Bombo Herman (Omdala waye wati, lento isuke yandikumbuza ushumayelo endayiva ngemfazwe kudala kumazwi ati: "Iveyini ingumgxeki, noselo olunamandla luyadlongoza, nosukuba eyoba ngalo akalumnkile." Lento ndisuke ndawakumbula kangaka kungokuba wati umfundisi lowo xa awatyila wati, bangati abelungu aba bake bavulela ukuba elilizwe ligqitywe zinkanti ningabona ningatshabalala nonke. Nditik namhlanje kufikelele kulontshumayelo yalomfundisi; masitumele amagama etu sonke ekuceleni ukuba oku kubuyiswe. Kuba olupau ilolwentshabalalo nembhubho. Kwesuka u Mr. Meya Q. Ginza (enye yenkosana zakwa Mdange) wati, oku sakuba sivumela- na ukukwenza, maze sisale nawo umtandazo naxa sona isicelo siwelileyo. Kwasuka u Mr. Aaron Bakaco (omnye wama Dikoni) wati, inteto yena ngoku akaboni ukuba ise- noncedo olukulu, nto ifunekayo kubhalwa kwamagama, nemitandazo ngemva kwayo-Kwesuka u Mr. Ntabeni Magabela (Isibonda). Asikuko nokuba uyabulela ngelilungelo lokuba benako nabo ukuteta xa kuko into enje pakati kwabo. Kusuke ekupeleni umfundisikazi wesikolo sentombazana (Shaftesbury Home) u Miss Stnrrock wateta inteto yobuciko obukulu, wati pakati kwa mazwi ake lento ikohlakele — ifana nokuauka kudyojwe ibotolo esonkeni ndawonye netyefu izeke kunikwe inkosi ukuba zitye. Lento kanye injengesitshetshe esihlale ingcamba zemiti esiyityalayo. Lento masizame ngawo onke amandla ukuyicasa. Yaza yavalwa intlanganiso enkulu kunene, beseza abantu ukuza kubhala amagama abo, ngangokuba bada batintelwa, xa ayeseleko amagama amayela kwi 162. Kwati into ete yambi kubonakala ukuba kwinxenye kumhla iyivayo lento ibukulu bungaka kanti pakati kwabo bantu kuko namadoda ake aya nasema Dikeni, angayeba ayazazi ezizinto ukuba abayitati lento ingamapepa endaba.

Emampondweni.

[NGU REV. JAMES B. MJILA.)

Emzimvubu, November 15, 1885.

Ndibhala mnumzeti ngokutemba ukuba wolufaka olusizi nobubunzi ma kwelopepa linodumo olukulu kumzi ontsundu; ndibhala, ndingcangcazela. Kate kulomzi wabafundisi uli Rode nge Cawa Nov. 8 1885 yomtendeleko wenkosi sanela ukupuma kuwo zavakala izitonga ezibukweni lo Mzimvubu, eliwelela ku Sixatu, inkosana yama Bhaca; kwatunywa amadoda okuya kuroba, kanti nga Mampondo nama Bhaca, kubanjwene ngobusela ba Mampondo. Asantsuliswa Amampondo lomini. Kulapo isizekabani selilishwa lalomzi sisuke kona; anditsho ukuti nguwonamtombo, senditeta incukumiso, kuba sona isigu kukade satiywayo, kuloko besingekajubi. Lasuka ityala labekwa pezu kwesigculelo sa Mampondo: kwatiwa nini enibange ukuba amadoda agxotwe anibinzanga, sinibonile namhla, hlala sisitsho ukuba nilutshaba, ningama Bhaca sinifumene namhlanje. Angasuka esenza ugoqwazana ukulandula ityala amadoda esikolo akwanceda nento oko, wasuka lomlilo wanwenwezela, waxela owe Sodom pakati kwenkosana za Mampondo. Yati into ka Gontsana ayabisanqwanqwa yona, yatumela isigcume sepakati lake kwimizi emitatu yarnakrestu oka Mzikwa noka Nziki noka Abraham, wati namhla ubu Bhaca benu bucacile, kanye; atsho exobile ngokwemfazwe kanye, bekwitshi basala beqoba befunafuna bebona ukuba naku ukufa namhla. Kwati ngomhla weshumi enyangeni kwalika into, yati imikosi yegora u Gontsana iyakuvingcela. Kwati ukutshona kwenyanga bacapula inxenye yenkomo belu na ukusabisela kwa Bhaca, zaqutywa ngamadoda amabini u Mosisi Cingimbo no Luswazi Mpila; kanti kukade imikosi yegora iwuraul' umzi. Wati umpakati wenkosi leyo ogama lingu Njokweni wahlabanisela ngegwazo ebeleni wasala apo umkonto wawa kwapela kude kube namhlanje umfo ka Cingimbo, kwasuka sizunguzane esemnka nomzi ka Maquba Safika isigidimi, kusasa ngolwesi-'Tatu sokuba umfo ka Cingimbo akaseko sati sisatsho zavakala izitonga kwelocala, kanti kukutsha kwesikota oko, lati lifuduinala wauselufikile esikolweni lomlilo; wayuta, yangakusuka isitini inkosi yalomzi wesikolo hai, ndada nam ndesuka ukuti ndiyakunceda, zasikupa imbumbulu sancama. Asunduzwa Amampondo okweloxesha kwada kwaba pakati ko 7 no 8 ibambene ngazo; eyokumnka kwelanga yalanyulwa bubunyama. Kwasala kuti, yanye inkubele yehashe, unyana wenkosi wadubula ekwele ladlokova laimwisa, wapuka elifupi lomlenze wekohlo. Zinjalo ezela Mampondo, ndibhalanje kubi. Ndibhalela pezu kwetyesi ndihleli pezu kwesiqumana sembotvi. Zihlobo umtombo andikaufaki kuba kusihla oku nje amadodana amabini awayekapile inxenyana yempahla iku Josiah Faku inkosana ya Mampondo, nguye oqale ukubinza lomzi wase Mbo opakati kwa Mampondo, esake isiqu kanye, wayefunza wangxwelera indodana yenakanye.

kusihla oku nje, azikapili inkubele zake, neqinga abeliyila namhlanje elibangele ukuba ubom begosa lake busweleke umfo odume kunene ku Mampondo, andikalifaki zihlobo. Ukususela kumhla weshumi linanye ku November soloko sablala ebunzimeni isikolo; kute kona ngomhla we 16 yawutshabalalisa umzi nezindlu yonakalisa kakulu imikosi ka Josiah, kwati kona kweyomfundisi batshabalalisa yonke intwana eyimpahla nokutya; kunzima zihlobo, ndobuya ndinenzele akukabipi sitandazeleni nonke ziramente.

Bikela u Nconjwa Emgwali, ukuba ukutya kwake kusembilinini wa Mampondo. Sihleli kanzima zihlobo zam; yitsho kumfo lowo ka Nconjwa u Amose Nconjwa e Batenjini.

Ezababaleli.

IBANGO LOBU CHAMPION.

14 Dec., 1885.

MHLELI,—Hlal' uhleli! Ngamanye amaxesha yinto elungileyo ukubhalela emapeneni endaba, kanjalo kuko izinto ezifaneleyo nezingafaneleyo ukuya emapepeni endaba, yenye yazo ke le. Kanjalo i"Dyakana" mazenze imisebenze yazo ziyiyeke ukuza kugxobagxoba imidlalo yebola yokombela. Ngesimbo soku- teta kwake, lomntu ubhale lencwadi ndi- yipendulayo yi "Dyakana" yase Qonce apa, le kanye igxobagxoba umdlalo we- bola yetu kulomzi, yade yacela uxolo eramenteni ngenxa yezigqito zayo malu- nga nalebola. Nam yonditelekelela endinguye ngesimbo sokuteta kwam, kodwa ndingulo inga ingafa ukumzonda kwayo, kanjako ndingowe "Champion eyona iyi- yo."

I Champion C. C. inye noko ngati zimbini nje. Ngentlanganiso etile kwenziwa i Committee yokukangela incwadi zemali, ingalamadoda, W. N. Seti, E. B. Soga, A Ngcumbe no N. Bovana, andiyi kungena ke kudushe oluninzi olwandulela ukumiswa kwalamadoda nolwalandelayo lonke. Kwelandelayo intlanganiso kubizwe kuwo intshumayelo yawo, akayivezanga, abiza ezinye incwadi ze club; kwatiwa aninakuzinikwa, yenzani intshumayelo yenu. Ati wona asinakuyenza intshumayelo yetu singenazo ezinye incwadi; kwatiwa ningeza kuzikangela niyitabate into eniyifunayo kuzo, kodwa aninakuzinikwa; ati wona hai, siyazifuna. Yati ke i Captain andinakukupela abantu abasebelihlelo impahla yombuto, kuba senizitengele impahla yenu nodwa, kanjalo senigagelela impi entsha kuni. Yacitakalake intlanganiso, yashiya le "Dya- kana" ndiyipendulayo, iyikupa i Captain, 'isenza abapati konyana bayo. Kwayeke kusitiwa yilempi ikokelwe ngu W. N. Seti kuko into ezakuteta, ayikabiko ke lonto nanamhlanje, sisalinde yona ke tina iyeyona Champion yase Qonce. Emva kokukutshwa kwe Captain yilempi, sibone i " Demandi" ivela einagqweteni, iteta ngemali zokuya e Bini zanyakenye, sati ke kukona izakuvela lengoma yalamadoda mayiyekwe iye pambili. Mhlaimbi ingaba yeyesitandatu lenyanga yabupendulayo i Captain ubuxoki bo Seti, noko alihambi ityala, umhlaumbi usaqipukelene ngati uzakuya umana ukubanjalo ngakumbi ndikangele. Sikohlwe nali Lawo lentaba elingati, metsho mzindini ibiyinina ? Gwebani mzi asiyiyona ke eyona Champion?

Ndim oyakuhlal' ingowako KASIBIZI NDOKUVELA.

INGCOBO NOBUSELA.

Lilliefontein, 12 Nov., 1885.

NKOSI MHLELI WE *MVO,* — Kaundifakele lamazwana kwipepa lako ndiyakukunga; - ndifuna ukuke ndenz' amazwana amafutshane malunga nempendulo eyenziwe ngabafo base " Ngcobo," ngeqinga lobusela, Ibalwe ngu Mr. 'Thos T. Poswayo.'

I. Ngamayilo abantu base " Ngcobo," (a) kuba besiti u ' Rulumente ' yimbangi yamasela, kuba olikamela lakudutyulwa, aze abambe umdubuli lowo. Ukuba ke u Rulumente ubengati, hai, andiyikubasayenza lonto, (ngamasihlobo), tina sonke bantsundu besiyakuba njengembovane eziqongqotwe esityeni, ze ashikixe ngonyawo umntu; kuba sibalwa ukuba singamasela sonke "zintsundu."

(b) Umhambi ohlelweyo engalazi ilizwe ngelefile ukuba uyakuti tu ngasebuhlanti, kutiwe lisela. Acande emhlabeni womlungu ngokufuna umsebenzi, ngelefile. Nditsho beko abenzakele ngolohlobo. Azifani intliziyo zabantu, knko izipandauli ezibanjwe ngumteto ukuba abe omnyama usadakasa ezweni, inxenye ide irole isabhokwe. Njengokuba nababantu base Ngcobo besiti Amabhulu kumandla wabo angxamele ukulwa ngenxa yobusela ukuba ubungeko umbuzo wesela ngebefile nabangebanga.

(c) Ontsundu ngelengasayifuni into yake yakulahleka, kuba kuyakutiwa ufuna impahla yabelungu, afe.

(d) Ngelengayiketi ontsundu impahla yake yakudibana neyomhlope.

(e) U Rulumente elikamelanje isela, ufuna ukuze ayive indlela yokwenzakala kwalo; ulindele kwa ukulunga emveni kobusela.

